Isalathiso: 20201029-9174
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0013/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko (kwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo nokuBaphathwa kwamaZiko (kwii-ofisi zezithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo ezineendlela zothutho lwabafundi ezixhaswa ngemali liSebe iWCED

Isihloko: INcwadana yeMigaqo i-*Standard Operating Procedures* yokulawula iZikim zoThutho lwaBafundi (*Learner Transport Schemes*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*)

1. INcwadana yeMigaqo i-*Standard Operating Procedures* (*SOP*) yeZikim zoThutho lwaBafundi (*LTS*) iye yaqwalaselwa kwakhona yaze yafakelwa izilungiso.

2. INcwadana yeMigaqo i-*SOP* evunyiweyo iqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane, ihamba neefom ezisemthethweni emazisetyenziswe kulawulo lwezikim zothutho lwabafundi ezixhaswa ngemali liSebe i-*WCED*.

3. Irejista yabafundi abanemvume yokuthuthwa ngokusemthethweni neefom zokwenza ibango mazisetyenziswe kuphela kwakuba kwenziwe inkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente yemvumelwano yethuba elitsha leminyaka emihlanu kusetyenziswa uxwebhu olutsha lokukhuphisana ngamaxabiso nemvumelwano *(bidding and contract document*) ukwenzela indlela ethile. Ezi fom zenziwe ngokungqinelana neemeko zemvumelwano njengoko kucacisiwe kuxwebhu olutsha lokukhuphisana ngamaxabiso nemvumelwano. Ukwenzela iindlela apho kuthengwe iimvumelwano kusetyenziswa uxwebhu oludala lokukhuphisana ngamaxabiso nemvumelwano, kucelwa izikolo ukuba ziqhubeke zisebenzisa iifom i-*WCED* 062 ne-*WCED* 063. Kucelwa amagosa ezithili ukuba ancedise izikolo ukohlula phakathi kwala maxwebhu mabini okukhuphisana ngamaxabiso nemvumelwano.

4. INcwadana yeMigaqo ye-*SOP* eqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane itshitshisa yaye ikwathatha indawo yamaxwebhu aqhotyoshelwe kwiSetyhula 0051/2015, yomhla we-02 Septemba 2015.

5. Kucelwa amagosa ezithili neenqununu ukuba alwenze lufumaneke uxwebhu lwe-*SOP* kuyo yonke imibutho echaphazelekayo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-11-13